# UNIVERSITY OF FORT HARE

## XHS122 & XHS122E

DEGREE EXAMINATIONS
November 2019

..............................................................

Time: 3 Hours

Subject; IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Literature

Marks: 100

This paper consists of 8 pages including the cover.

<u>Internal Examiners</u>:
Dr N Z Gxekwa
Dr D Spofana
Dr M Ganiso
Dr S S Mdaka

### Instructions

Phendula imibuzo ibe Mine.
Phendula ube Mnye kwicandelo ngalinye.

XHS122 & XHS122E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

## ICANDELO A

### Umbuzo 1

**Intsindabadala: N. S. Masabalala**

Tyakatya uphakule kanobom kulo mbongo ungezantsi, udandalazisa ubuchule okanye ubugqudetya buka Masabalala ekubhaleni udidi lombongo osisimbambazelo

**Khululeka Gcwanini** (Umbambazelo ngokushiywa nguProfesa Z. S. Qangule)

[25]

Ihambil' into kaQangule isandulele!
Ihambil' imbong' akwaQangule iye kubonga kowayo!
Itshonele madoda into kaQangule silahlekelwe!
Igodukil' ingqang' akwaQangule bafondi-i-in!

Akuhlanga lungehlanga sapho loMz' ontsundu
Lalani ngenxeba magwangq' aMhlophe akuloZiervogel
Yingoz' enkulu ukopha kwenxeba xa linzulu,
Ukufa kunye kunkongolo kunje kuzo zonk'iintlanga.

Sivakel' isithonga kokwabo phesheya komlamb' omkhul' iNciba,
Zilufumen' udaba iintsapho zooJordan phesheya kolwandle
Aluvile udaba amaNdebele akuloKutumela phesheya kweLimpompo
Kukhal' oNtsundu kwakhal'oMhlophe kwaNokholeji eFort Hare.

Bothuke babanda abamaziyo, bee khunubembe abangamaziyo
Babamb' ongezantsi abamazel' ezincwadini nasemaphepheni:
Balile bagixa abazizizalwana nezalamane kwaMiya:
Wangqukuleka umthinjana nomlisela abewufundisa

Athi amaXhosa isitya esihle asidleli bafondini!
Ngamacik' amaXhosa athi kugawul' owaziwayo!
Kwawona abuya athi akulahlwa mbeleko ngakufelwa!
Elokufa alityeli mawethu: ginyani noba kuyakrakra.

Bath' igalelo lakhe liyavakala kooZagweba nooNtshuntshe.
Bathi xa alanda i"plot construction" ude ange uthi phatsha!
Hayi ke madoda nesi siXhosa sifundwa ngesiLungu;
Khumsha mbong' ubatshonel' igodukil' imbong' enkulu.

Ifundile into kaQangule ide yayityekeza!
Basembalwa abafikelela kwigondo lobuProfesa

Nokhumbul' ub' imfundo ayifunxwa ngalwimi
lwankobe!
Nokhumbul' ub' iThesis azibhalwa ngalwimi
lwambadu!
Qaphelani kakuhle kwelo qula lamanz' amyoli kaQangule;
Bonk'abakwaziyo ukukhumsha basela babhukuxe.

Akumqondi na lo Qangule ndiqinisekile nje uyamazi?
Qubul' iphepha lakho loviwo uqwalasele,
Sasiyisetelwe nguye laa nqontsonqa kulaa nyaka
Wayeset' isiXhosa seMatriki soMzantsi Afrika.

Awu zinkul' iibhulukhwe zale ndoda ngamaxwakuxwaku;
Asizozihlangu ukuba zikhulu ngamagxwagusha.

Ubashiya besaluphakamisil' uphondo oogxa bakho kweli;
Zisabhexesh' into zooNtswanisi iProfesa yelaseNtla;-
Isagoqoza inqwelo yesiXhosa nooProfesa Kriel;
Zingenelele iidyongwana zixhentsa zizombelela;
UMadib' uMtuze uGatyen' uSatyo noTenza into kaMkhonto;
Basabuhesh' ubumnyama nakoonomathotholo ooProfesa Jafta.

Umbuzo 2

Libehle Litshone: W. N. Mbovane

a) Xoxa wophele ngezangotshe zolwimi/ izithako ezithi zisetyenziswe kuhlalutyo lombongo.

(10)

b) Hlalutya ezi zitanza zilandelayo kulo mbongo ucaphulwe kwincwadi kaW.N.Mbovane ethi *"Libehle litshone"*. Khawuveze izangotshe zolwimi okanye izithako zohlalutyo lombongo ofunde ngazo kule modyuli.

IMPUKANE

Homba lwakwabani na elinagafana nayo?
Silumko sakwabani na esingafana nayo?
Siququ sakwabani na esingafana nayo?
Vila lakwabani na elingafana nayo?

Ngendisithi ikhuthele kodwa hayi ngokuyekelela.
Zokroza, ziphekiwe iimbiza nqaba ukukhweleza,
Kwizitya zokuqala, ungumngcamli wokuqala,
Nalapho sowuphinda akuxakekanga.

Lulwantwentwe ngesisu, ingcathu ngemikhono,
Sisidenge somfo noko yena esisilumko,
Ngumfo othi akufika kunqandwe amahali-hali,
Ngumatya etyekeza, isisu simdaka.

(15)

*[25]*

XHS122 & XHS122E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

## ICANDELO B

### Umbuzo 3

### 3.1 UMdlanga: P.T.Mtuze

UMtuze kule ncwadi udandalazisa amasiko, inkolo kwakunye nongquzulwano phakathi kwaba balinganiswa:

- Langa
- Nzame
- Phumi

Xoxa kuvokotheke ngale miba ikhankanywe ngasentla.

[25]

OKANYE

### 3.2 UMdlanga: P.T.Mtuze

Xoxa ngendlela uMtuze asibonise ngayo isimo sentlalo kule ncwadi yakhe. Ingxoxo yakho mayichaphazele zonke iingongoma ezithi zenze isimo sentlalo.

[25]

### Umbuzo 4

### 4.1 Ndiyekeni: D.M. Jongilanga

Phuhlisa iinjongo zombhali ekuthiyeni aba balinganiswa balandelayo oko kuhambelane nomxholo wencwadi:

- Maziko
- Mawonga
- Funeka

OKANYE

4.2 Ndiyekeni: D.M. Jongilanga

Impixano ngundoqo webali. Xoxa ngempixano ethi ibekho kule ncwadi kaJongilanga. Ingxoxo yakho mayichaphazele onke amanqaku athi enze impixano.

[25]

Umbuzo 5

INzonzobila: B.B. Mkonto

Xoxa ngesakhiwo sebali kulo mdlalo kaMkonto uze uchankcathe kula manqanaba alandelayo wenze uncomo-gxeko wayame kanobom ngeempawu zedrama.
Nanga la manqanaba:

- Uvuthondaba
- Isiphelo

[25]

ICANDELO C

Umbuzo 6

6.1 Ubulumko Bezinja R Siyongwana

"Kukuqaqadeka kwengqondo zongqondo-gqwirha okubangela ukuba abakhonkxiweyo bade babhenele ekusebenziseni udlame kumzabalazo wenkululeko".

Simelela ngale ngcamango udandalazise indlela okaSiyongwana aqula agoqe ethethelela ukusetyenziswa kodlame kwidabi lenkululeko.

[35]

OKANYE

6.2 Ubulumko Bezinja R Siyongwana

Khwahlaza ukhukhuze esi sicatshulwa silandelayo uqaqambise ubugcisa bukaSiyongwana ekwambhathiseni amalwela nkululeko ngobuciko bobucaluza bokukwazi ukucweya umcimbi ontunu-ntunu.

[35]

XHS122 & XHS122E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

Ziqhubene ezi njana zimbini uMthendevu noTawuse zaya enkosini yazo
Zifike kuloo ndlu yayihleli kuyo ibase umlilo yothile. Zona zithe zalala ngesisu
ezantsi kweziko.

Tawuse : Kwashushu apha [wachaza uTawuse, phofu ephoxa.
Mbangi yokuba aphoxe kukuba bona babesoloko
belala phandle nokuba kuyabanda].
Kholisile : Yintoni izinja endlwini?
Tawuse : Kukho into esingathanda ukukhe siyive, nkosi.
Kholisile : Yinto eluhlobo luni leyo?
Tawuse : Sifuna ukukhe sazi ukuba kutheni na singenasabelo
sisiso nje apha ekhaya?
Kholisile : Isabelo esisiso sesinjani ?
Tawuse : Nditsho ukunikwa ukutya okulungileyo, nkosi.
Kholisile : Okulungileyo kokunjani?
Tawuse : Kuthi kwakuxhelwa igusha, mhlawumbi inkomo
sifumane amathambo inyama singayiphiwa. Kanti
naxa kuphekwe ukutya sinikwa izikhoko.
Kholisile : Oko kukuthi ke, Tawuse , nifuna oku kutyiwa
ngabantu?
Tawuse : Kanye ke nkosi. [wavuma ngokukhawuleza]
Kholisile : Wawuzibona phi izinja zisitya ukutya kwabantu?
Tawuse : Asizange sizibone kodwa sinayo ingqondo ethi
zifanelwe kukukufumana.
Kholisile : Njengokuba unyoko ade abe ngaka nje engazange
akhalazele kutya niqonde ntoni nina nizalwa izolo
oku nje?
Tawuse : Siyaphawula ukuba zizinja ezisebenza nzima. Umzi
Ugcinwa sithi ebusuku.
Kholisile : Senikwazi kona ukukhonkotha phofu?
Tawuse : Sazalwa sikhonkotha nje, ubuza ntoni, nkosi yam?
Kholisile : Heke-e! Utyaphile utsho. Oku kukuthi nithi xa
ezinkulu zikhonkotha umntu okanye inkomo suke
nina nikhonkothe zona, nibangwa yini, kanti
nazalwa nikhonkotha nje?
Tawuse : Sukube sintyontyela xa sisenjenjalo.
Kholisile : Ubisi olu niluxhaphayo ananeli lulo?
Tawuse : Ubisi lufana namanzi alunantswane.

Kholisile : Indixakile le nto yenu kuba uSibi yena uthule.

Tawuse : Mhlawumbi wenziwa kukungaqondi intlalo le. Thina ayisikholisi konke intlalo.

Kholisile : Mandenjenje kuni; andinakho ukunika izinja ukutya okutyiwa ngabantu. Andizange ndigezelwe zizinja mna njengokuba ndenzile nje. Phumani niye phandle.

Tawuse : Kubanda nje, singenayo nandlu siya kulala phi?

Kholisile : O! Nifuna ukutya nokulala nabantu ezindlwini?

Tawuse : Ewe nje!

Kholisile : Ningatsho nje ukuba anisezozinja seningabantu, kutheni?

Tawuse : Ewe khona sizizo, kodwa imbandezelo iyavakala nakuzo.

Kholisile : Inja phandle![Uzingxothile uKholisile esonda ngazo. Zaphuma zibaleka] (18-19).

Umbuzo 7

**Ubulumko Bezinja: R Siyongwana & Ukuqhwuka Kwembeleko D M Jongilanga**

a) "Uya kuthi 'mfazi wam' phezu kwesidumbu sam". Ngubani lo wayethetha la mazwi? La mazwi achongwe kwincwadi kaD.M.Jongilanga ethi **Ukuqhawuka kwembeleko** aphuma kwesi sithethi ayephenjelelwa yintoni?

(10)

b) Chonga iindidi ezintathu zabalinganiswa kwincwadi ethi **Ubulumko bezinja.** Ze uchaze nje iziganeko ezehlileyo apha encwadini ezibonakalisa ukuba zezo ndidi zabalinganiswa uthi zizo.

(15)

*[25]*

XHS122 & XHS122E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

## ICANDELO D

Umbuzo 8

8.1Amathol'eendaba: P.T. Mtuze

a) Chonga ibalana libe **LINYE** kule ncwadi kaMtuze uze uxoxe kuvokotheke ngobuchule abusebenzisileyo umbhali ekubhaleni kwakhe olu didi loncwadi ekuvezeni iimpawu ze-eseyi\ilivo.

(15)

Amathol'eendaba: P.T. Mtuze

---

b) Tyumba ibali libe **LINYE** kula mabali alandelayo uxoxe, uze kwingxoxo yakho uveze imfundiso umbhali ayigqithisa eluntwini:

1.Isingqala sikaZilindile
2.Isivamna

(10)

*[25]*

OKANYE

8.2 Kuphel' isizungu: L. S. Ngcangata

UMBUZO

Khawuhlalutye ibali elifutshane elithi "*Intliziyo yam inamahlwili*" elikule ncwadi khawuthi gqaba gqaba ngezi ngongoma zilandelayo:

- Umxholo (10)
- Isimbo sokubhala sombhali (15)

*[25]*

Umbuzo 9.1

a) UGeme: H.N. Mjamba no PT Mtuze

Khetha ilivo libe **LINYE** eliviwa ngumxhelo wakho, uze wayame kwiimpawu zelivo umbhali athe wazisebenza. Ncoma okanye ugxeke umbhali ngobuchule bokubhala kwakhe iimpawu zelivo ezivumelekileyo.

(15)

b) UGeme: H.N. Mjamba no P T Mtuze

Ababhali bazizipili zobomi, bayakwazi ukuhlala noluntu ze bafunde indlela uluntu oluphila ngayo.

XHS122 & XHS122E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -November 2019

Chonga ilivo libe **LINYE** kula mavo alandelayo uze ubonakalise isakhono sombhali ekuchongeni kwakhe isihloko selivo:
1.Esibhedlele
2.Ubutsotsi ezidolophini

(10)

*[25]*

OKANYE

9.2 Imitha Yelanga: W. K. Tamsanqa

Kwincwadi oyalathelweyo khetha ilivo libe linye elinomxholo wezentlalo uze ubhale ngalo. Ingxoxo yakho mayibonise izinto zentlalo ezikulo eli livo.

*[25]*